

UKUPHUCULA INDLU YAKHO, UKWENZA UTSHINTSHO NOKUYONGEZA



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI





UTSHINTSHO NEZONGEZELELO

Indlu eyakhiwe ngesibonelelo sikarhulumente ayinakuba yindlu obuhlala uphupha ukuba ube nayo. Ungafuna ukwenza iinguqulelo nezongezelelo ukwenzela ukuba izanelise iimfuno zakho. Buza iingcebiso kubantu abanamava abakhi nakubantu abanezindlu.



AMALUNGISELELO

Yiba nekopi yeplani yendlu yakho

uMasipala unayo ikopi yeplani ephunyeziweyo yendlu yakho. Ukuze ufumane ikopi kufuneka ubanike inombolo yesiza sakho, okanye idilesi yesitalato sakho nemali encinci eye ifunwe. Sebenzisa iiplani esele zikhona ukulungiselela ukuxoxa nokuzoba iiplani zale yakho ufuna ukuyiphucula. Ukuba indlu yakho ayinaplani, kufuneka uthathe imilinganiselo yendlu yakho uzobe iiplani ezintsha ubonisa impucuko oyicebayo.



Zoba le nto uyifunayo

- Cingisisa ngeyona ndlela iyiyo, onokuthi ukwazi ukuyihlawulela ngayo ukwangeza kule indlu sele ikhona. Mhlawumbi kungafuneka uchithe amadonga athile ukuze uvule iminyango okanye ifestile.
- Ukuba indlu yakho yayakhelwe ukuba ize yongezwe, fumana ikopi eza kuthethelela ezo zengezelelo ukwenzela ukuba ubone ukuba ziyazanelisa na iimfuno zakho nemali obe uyibekela ukwenza oku.
- Iintsimbi ezibekwa ezikoneni zesiza sakho zizo ezibonisa imida yesiza sakho. Indlu yakho kufuneka ibekwe mva ngomgama ofanelekileyo ukusuka kumda wesiza sakho, amaxesha amaninzi iba yi 1.5 ukuya kwi3m ukusuka esitalatweni ize ibe yi1 ukuya kwi 2m kwamanye amacala. Ukuba awuqinisekanga ukuba ziphi na iintsimbi ezibekwa ezikoneni zesiza sakho, buza kumasipala akujongela.

UKUZE YENZEKE

Inqanaba 1 : Iiplani mazizotywe



- Uyakuthi wakuba uthe wanolwazi lokuba zeziphi na izinto ofuna ukuzitshintsha, uza kuthi ufune uncedo ekulungiseni iiplani zakho. Dibana nomakhi othembekileyo, incutshe okanye umzobi. Mcele akujongele akwenzele nomlinganiselo wendlu kunye nowesiza sakho. Xoxani ngeembono neplani nomakhi lowo nize nivumelane kanye ngento ekufuneka izotywe kule plani kwaye uza kusebenzisa mali ni na.
- Ungakhi kuso sonke isiza sakho. Shiya indawo ngaphandle ukulungiselela izinto ozifunayo, ezinje ngamanzi emvula ekufuneka afunxwe ngumjelo wokufunxa amanzi. Qinisekisa ukuba imixokomezelo yemibhobho yelindle, eyamanzi neyombane mifutshane kwaye kulula ukufikelela kuyo.


Inqanaba 2 : Iiplani yakho kufuneka ivunywe ngumasipala



- Iiplani zakho kufuneka zisiwe kwamasipala ukwenzela ukuba zivunywe phambi kokuba kwakhiwe.
- Kufuneka ufake iikopi ezintathu okanye ezine uhlawule intlawulo yohlolo-mhlaba. Imvume kamasipala ingathatha iiveki ezintandathu.
- Sebenzisa iikopi zakho ezivunyiweyo ukufumana amaxabiso kubakhi nakubathengisi beempahla zokwakha.
- Gcina ikopi yeplani evunyiweyo kwindawo ekhuselekileyo ukwenzela ukuba ubonise abahloli bezakhiwo xa bethe batyelela umzi wakho.

ELONA CEBISO LIBALULEKILEYO:

- SIPLANE NGONONOPHELO ISIZA SAKHO.
- QINISEKISA UKUBA UMGANGATHO WAKHO UQINILE KWAYE WOMILE NGOKWANELEYO KWAYE ULUNGELE UKUBA KWAKHIWE KUWO.
- BUZA KUMAKHI ONAMAVA UKUBA LOO MGANGATHO WOMELELE NA, INGAKUMBI UKUBA UFUNA UKUTSHINTSHA IZISEKO, AMADONGA OKANYE UKUBA UFUNA UKWENZA AMANQWANQWA AYA KWINDLU



UNGAZE UYIHLAWULE IMALI KUMAKHI ENGEKASEBENZI

Step 3: Sebenza ngemali yakho oyiqingqileyo nengqikelelo yamaxabiso



- Yisa iiplani zakho kwindawo ethengisa izinto zokwakha. Buza ngendleko zemali, umgangatho nokuba zikhona na ezo zinto uzifunayo zokwakha.
- Ezinye iindawo ezithengisa ngezinto zokwakha zingakunika simahla uqikelelo lwemali eziza kudla zona ezo zinto uzifunayo. Bangakunika neengcebiso nangendlela onokuzithuthela ngayo endlwini yakho, bakuxelele nabakhi abalungileyo nabathembakeleyo.
- Kwezinye iindawo, kungakho indawo yokunceda abantu abafuna ukwakha enikezela ngeengcebiso neekopi zeeplani.
- Ungamcela umakhi ukuba akuzobebe uludwe lwezinto zokwakha oza kuzifuna.
- Mcele umakhi ukuba akujongele uqikelelo lwendleko zale plani yakho uyiphuculayo. Kululutho ukwangeza i10% ngaphezulu ukulungiselela iindleko ebe zingalindelwanga.
- Yangeza imali obuyonga kule unakho ukuyiboleka. Le nto iza kukunika uqikelelo-mali onokuyichitha kolu phuculo lwendlu yakho.
- Jonga iindawo ezithengisa izinto zokwakha ngamaxabiso aphantsi phambi kokuba uqalise ukwakha.



Step 4: Khetha umakhi



- Phanda ngabakhi abenza umsebenzi omhle kubantu abasele bakhile ngokubona umsebenzi wabo abasele bewenzile, ixesha umakhi alichithayo ukwakha indlu nokuba babesebenze ngokwengqiqo-mali kusinina.
- Yenza iingqiqo-mali kwaye uthlekise abakhi abohlukeneyo. Khumbula, ukuba ixabiso elincinci alisoloko lisenza into eyiyo.

Step 5: Kufuneka utyikitye isibophelelo nomakhi



- Xoxa nomakhi nicebe isibophelelo sibhaliweyo ukukhusela iimfuno zakho
- Isibophelelo eso kufuneka sibe nezi nkukacha zilandelayo:
 - Inkukacha zomsebenzi ekufuneka wenziwe nenkcazelo ngezinto zokwakha eziza kusetyenziswa;
 - Ngubani oza kwenza amalungiselelo okuthenga izinto zokwakha, oza kuzithumela ekhaya noza kubhatala izinto zokwakha nezixhobo ezisetyenziswa ekwakheni indlu;
 - Iintsuku zokuwuqala nezokuwugqiba umsebenzi wokwakha;
 - Indlela namaxesha umakhi aza kubhatalwa ngawo;
 - Indlela isibophelelo esinokuthi siyekwe ukusetyenziswa.
- Ungatyikityi nawaphi na amaphepha xa ungayilandeli into ebhalwe kuwo.
- Isibophelelo kufuneka sityikitywe nguwe nomakhi namangqina. Iidilesi zenu nobabini kufuneka zibe khona kwesi sibophelelo.

Step 6: Ukuhlola nokulawula ulwakhiwo



- Kubalulekile ukuba nivumelane ngenkqubo yokusebenza nomakhi phambi kokuba nityikitye isibophelelo. Ningawenza umlinganiselo wenkqubela phambili ngemvume yesicwangciso somsebenzi.
- Khusela ngononophelo ifanishala nezinye izinto zakho
- Hlala uqaphele inkqubela phambili yomsebenzi ukuqinisekisa ukubaiinxaki zimbilwa kangangoko.
- Kwimisetyenzana emincinci, intlawulo yenziwa kuphela xa umsebenzi ugqityiwe ngokwesivumelwano. Ngapha koko, ungavuma ukwenza iintlawulo ngoku umsebenzi uqhubekekayo kanye ngeveki okanye emva kweveki ezimbini. Soloko uqinisekisa ukuba kukho imali eyaneleyo kwengqiqo-mali ukwenzela ukuba umsebenzi oshiyekileyo ngqibeke.

JONGA EZINYE IINCWADANA:



- Ukusebenzi isibophelelo sokwakha
- Ukusisebenzise ngolona hlobo lululo isiza sakho
- Ukusebenza kakuhle ngamatyala neemali-mboleko



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987